



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESISISISEKO

IBANGA 3

EYENKANGA 2016

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 iyure

IGAMA: _____



Olu viwo lunamaphepha ali -13.

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Funda yonke imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo kwizithuba ozinikiweyo.
3. Utitshala uza kukuncedisa ekwenzeni imizekelo ngaphambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.
4. Uvavanyo luyimizuzu engama -60 ubude.

Ukuziqhelanisa

I.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Ngemithi senza ...

A imbiza.

B itafile.

C umatshini.

D isitovu.

Wenze kakuhle ukuba ubiyele u -B.

Fakela isandi esishiyweyo ngokukhetha kwizandi ezisebhokisini ...

thyw	nkw	ngxw
------	-----	------

I.2 Inkwali yintaba entle kakhulu

Wenze kakuhle ukuba ukhethe wafakela isandi u - nkw.

Kolu vavanyo uza kuphendula eminye imibuzo efana nale igqiba ukuyiphendula .

Uvavanyo luyaqala kwiphepha elilandelayo.

Funda ibali uphendule imibuzo elandelayo 1 - 6

Utata nomama othile bebenonyana ekuphela kwakhe. Ngelishwa unyana wabo waqalisa ukwenza ubuhlobo namakhwenkwana angalunganga. La makhwenkhwe ayefuna lo nyana angabathobeli abazali bakhe, ebe izinto, onzakalise aphaathe kakubi nabanye abantwana.

Abazali bababuhlungu kakhulu zizinto awayezenza nabahlobo awayezikhethela bona. Bazama ukumnika iimfundiso ezizizo namazwi obulumko ukuze ohlule okulungileyo kokubi.

Utata wale nkwenkwe wacinga icebo lokufundisa unyana wakhe isifundo. Waya evenkileni wathenga itapile nelinye elibolileyo. Wabuyela ekhaya wamcela unyana ukuba afake zonke ezo tapile kwingxowa enye azibeke ekhabhathini.

Emva kweentsuku ezimbalwa wambiza unyana wakhe watsho esithi makeze nengxowa enetapile, wayivula ingxowa. Unyana wothuka kukubona zonke ezo tapile zibolile zinevumba elinganyamezelekiyo. Wafuna ukuqonda kutata wakhe ukuba kwenzeke ntonina kwezotapile.

Utata wakhe wamcacisela wathi "itapile elinye elibolileyo engxoweni, libolisa namanye angabolanga". Waqhuba emxelela ukuba nasebomini bethu kunjalo ukuba uzidibanisa nabantu abenza ububi nawe uzakwenza njalo.

Unyana wacinga ngomzekelo awubonileyo namazwi obulumko ebesoloko ethethwa ngutata wakhe, wagqiba kwelokuba abashiye abahlobo bakhe azifunele abanye. Bavuya kakhulu kuba babemthanda bemnqwenelela okuhle unyana wabo.

Imibuzo:

I.1 Bhala isihloko seli bali

.....

I.2 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Ngubani owacinga icebo?

A Mama

B Tata

C Unyana

D Abahlobo

I.3 Beka uphawu (×) ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekilyo.

Kwakutheni ukuze abazali benkwenkwana bakhathazeke?

Unyana wabo wayesenza izinto ezimbi.	
Unyana wabo waba ngumzekelo omhle.	
Zonke iitapile zazonakele.	
Itapile elinye lalibolile.	

- 1.4 Bonisa ulandelelwano lweziganeko
Bhala inombolo ecaleni kwezivakalisi (1-4) ubonise
ulandelelwano.

Utata wathenga iitapile	
Zonke iitapile zazonakele/ zazibolile	
Unyana wafaka iitapile engxoweni.	
Utata wacinga icebo.	

5. Yeyiphi imfundiso efumaneka kweli bali?

Sifunde ukuba

.....

.....

.....

6. Sisimilo esinjani onokusilindela kumhlobo olungileyo?

.....

.....

.....

7. Jonga ufunde intengiso uphendule imibuzo 7.1 no 7.2.

yiza uzothenga

50c

NGOLWESIHLANU

NGEXESHA LENTLAZANE

R4

**IZIMUNCU –
MUNCU
NEZINYE IZINTO
EZIMNANDI**

7.1 Kwrela umgca ngaphantsi kwempendulo echanekileyo.

Ucinga ukuba iza kuba phi intengiso?

- A Ekliniki
- B Kwisikhululo samapolisa
- C Esikolweni
- D Ecaweni

- 7.2 Beka uphawu (X) ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekileyo.
Intengiso yamaqebengwa izakuba ngo ...

Lwesibini	
Lwesihlanu	
Cawa	
Lwesithathu	

8. Bhala kwakhona ezi zivakalisi ngokwa lamaxesha.

8.1 Eladlulayo

Umama upheka isidlo sangokuhlwa abhake nesonka.

.....
.....

8.2 Elangoku

Satya iilekese zethu sasela nesiselo esibandayo

.....
.....

9. Funda:

9.1 Biyela izibizo ezibini kwesi sivakalisi.

Abantwana bathenga amaqhashu.

9.2 Biyela izimelabizo ezibini kwesi zivakalisi.

Batya iilekese zabo ngentlazane.

Bathathe ixesha labo.

9.3 Biyela isihlanganisi esinye kwisivakalisi ngasinye.

(a) Intombazana ithanda i apile kanti inkwenkwe ithanda inyama.

(b) Ilanga lishushu kodwa umoya uyavuthuza.

10. Jonga imifanekiso ugqibezele izivakalisi ngezantsi.

10.1

Umakhulu



..... i jezi.

10.2

Umntwana wegusha ubizwa ngokuba



10.3 Sebenzisa igama elingezantsi ukubonisa iintsingiselo ezimbini ezahlukeneyo.

Isihlahla

.....
.....
.....

II. Bhala kwakhona izivakalisi ufakele iimpawu zokubhala.

II.1 Abantwana batya iilekese iqebengwana namaqhashu

.....
.....
.....

II.2 Ufuna eyiphi, itshokoletshi okanye i - ayisi

.....
.....
.....

II.3 Hayi wakhwaza umntwana

.....
.....
.....

12. Biyela isenzi esichanekileyo.

12.1 Umntwana (basela/usela) isiselo.

12.2 Amakhwenkwe (athenga/ithenga) iilekese evenkileni.

13. Funda itshati yemisebenzi engezantsi uze uphendule imibuzo 13.1 - 13.3.

Itshati yemisebenzi yamalungu ekhaya		
Igama	Mvulo, Lwesithathu no Lwesihlanu	Lwesibini noLwesine
Umama	Uyatshayela	Utyisa izin ja
utata	Uhlamba izitya	Ukhupha inkunkuma esemigqomeni
Vuyo	Wosula axhome izitya	Uyatshayela
Nomhle	Utyisa izin ja	Uhlamba izitya
Lino	Ukhupha inkunkuma esemigqomeni	Wosula axhome izitya

13.1 Umama uyatshayela ngoMvulo, Lwesithathu noLwesihlanu.

Ngubani omnye otshayelayo?

.....

13.2 Ngubani ohlamba izitya ngoLwesine?



















.....

13.3 Ngobani amalungu osapho akhupha inkunkuma esemigqomeni?

.....

14. Funda le grafu uphendule imibuzo 14.1 no 14.2

Intengiso yekeyiki

Inani labantwana	7				
	6				
	5				
	4				
	3				
	2				
	1				
	ibhiskiti	stoki	ikeyiki	iilekese	

14.1 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Yeyiphi ethengwe kakhulu?

- A bhiskiti
- B stoki
- C keyiki
- D iilekese

14.2 Bangaphezulu ngeliphi inani abantwana abathenge iilekese kunabathenge iibhiskithi?

- A 5
- B 2
- C 3
- D 1

15. Bhala imihlati emibini yezivakalisi ezilishumi: ngendlela ozichithe nayo iiholide zakho zikaJuni.

Qinisekisa ukuba usebenzisa ulwimi olululo, iimpawu zokubhala nopelo oluchanekileyo. Izivakalisi zakho mazingabi namanani.

<u>Indlela endizichithe ngayo iiholide zikaJuni</u>

AMANQAKU EWONKE: 40

